

WAZA UYESU WAFIKA WABIZA



Yohane Ongcwele, isahluko se-11, ukuqala kumqolo we18, ndinqwenela ukufunda.

Ke kaloku iBhetani ibikufuphi neYerusalem, umgama wayo uzizitadiya ezingathi zilishumi elinazihlanu:

Kwakufike abaninzi bakumaYuda kwabo babenoMarta noMariya, ukuze babathuthuzele ngaye umntakwabo.

Akuwa ngoko uMarta, ukuba uYesu uyeza, wamhlangabeza: ke yena uMariya wahlala endlwini.

Wathi ngoko uMarta kuYesu, Nkosi, ukuba ubulapha, umnakwethu ange engafanga.

Kodwa ndiyazi, ukuba nangoku, nantoni ongathi ukucele . . . kuThixo, oko wokunika uThixo.

Athi kuye uYesu, Umnakwenu uya kubuya avuke.

Athi uMarta kuye, ndiyazi ukuba uya kubuya avuke eluvukweni ngomhla wokugqibela.

Wathi uYesu kuye, Ndim uvuko, no . . . bomi: lowo ukholwayo kum, nokuba ubethe wafa, wodla ubomi:

Bonke abadla ubomi bekholwa kum abasayi kufa naphakade. Uyakholwa na koko?

Athi kuye, Ewe, Nkosi: mna ndiyakholwa ukuba wena unguye uKristu, uNyana kaThixo, lowo uzayo ehlabathini. (Kwaye kujonge oko!)

Waza etshilo njalo, wemka, waya wabiza uMariya umsakwabo ngasese, wathi, UMfundisi ukho, uyakubiza.

² Masithandazeni. Bawo oseZulwini, wangqine looMazwi ezintliziyweni zethu, ngobu busuku, njengokuba silinda kuWe ngoku. ILizwi laKho, umkhonzi waKho, kwa netekisi, konke kunikelwa kuWe, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

Ninga hlala phantsi.

³ Injongo yam yokuba lapha kukuzama ukunceda abantu bakaThixo. Hayi kakhulu ukuza kuthandaza, nokubeka izandla kwabagulayo, kodwa ukuze baqonde uYesu Kristu phakathi kwethu, uNyana kaThixo phakathi kwethu. Sithetha ngobu busuku ngalo mxholo: *Waza UYesu Wafika Wabiza.*

⁴ Ngoku ngeli xesha sithetha ngalo, yayilixesha elibuhlungu. Ukuba wakhe walifunda ibali ebomini beNkosi yethu, sifumanisa ukuba WayenguMhlobo omkhulu walenkwenkwe, uLazaro. Waye . . . Emveni kokumka kukaYosefu, okanye,

Wayehambile waze wazakuhlala noMarta, noMariya, noLazaro. Kwaye babengabahlobo abakhulu. Babe ne... Waye njengomalusi kubo, owe—owenene uMhlobo. Baze baMenzela izinto ezincinane zokunxiba, ingubo yokunxiba, ndiyakholwa, babanga ukuba, kwaye yayolukiwe yonke ngaphandle komthungo. Kwaye babeMenzele izinto, ngokuba babekholwa kuYe. Ibi kukuba ba—babe kholiwe bakubona oko. Babelishiyile ibandla, nento ezinjalo, ukuze balandele Yena. Kwaye yayiyinto enkulu ngala mhla, nto leyo nesohlwayo sayo ingaba kukufa, uku—ukuyishiya.

⁵ Kodwa, uYesu, loMfo wayejikeleza njengoko babebanga, eqwenga amabandla abo, kwaye ethetha into embi ngombengeleli wabo, ne—neento ezinjalo, Waye—Wayenze umonakalo omkhulu kubo, babecinga. Kwaye—kwaye kwankqu ukuMvuma yayiyakuba ku—kukukhutshwa kwizindlu zesikhungu. Kwaye ukuba ungaphandle ebandleni, ba—babecinga ukuba awu—awuna thuba ekukhululweni ngentlawulelo. Ukuba ubungengo welinye lamaqela abo, njengobuFarisi, Sadusi, okanye into ethile, kwakungekho kukhululwa ngentlawulelo ukuba ungaphandle koko. Kwaye ukuba babenalo ilungelo, izitixho, kwaye babeya kukukhabela nje ngaphandle ukuba babefuna. Yayi yintetha yabo leyo. Akumangalisi uYesu wathi, “Nina, ngezithethe zenu, niphange igunya iLizwi likaThixo.” Uyabona?

⁶ Kwaye ngoku iyaphindwa kwakho, ngoba siyazi ukuba imbali iyaziphinda phinda rhoqo. Kwaye ku—kubuhlungu ukuthi, kodwa yayiprofetiwe ukuba iphinde, kwaye iyenzile kwakho.

Sifumanisa ukuba uYesu wayengacingelwa kakuhle.

⁷ Amaxesha amaninzi, abantu bafuna ukumgweba umntu ongangqinelaniyo nabo. Akumele sikwenze oko. Sinokungangqinelani omnye nomnye, nangoko sikwenze ngobuhlobo. Ukuba andinakungangqinelani nendoda, kwaye ndibe ndisayithanda ndiyithandazele, kwaye ndingangqinelani nayo phe- . . . nayo phezu kwesiseko seSibhalo, kwaye ukwenzela okungcono ukukhanyiseleka, ngoko andiyi kuthetha nto kuyo. Ndisoloko ndifuna ukungangqinelani nayo, ngobuhlobo, ngoba ndiyayithanda, kwaye ngokuqinisekileyo andi—andifuni ilahleke. Kwaye imele yenze kwangalo ndlela ngam; asifuni kulahleka. Kwaye kufuneka sisekele iingcinga zethu phezu koko iLizwi lukuthethayo. ILizwi malibe yiNyaniso. Hayi iimfundiso zethu okanye into iingcinga zethu, kodwa oko Akutshoyo; hayi ukuzicombululela, nje oko iLizwi likuthethileyo.

⁸ Ngobunye ubusuku, ndenze into kwaye ibonakele ihlambela phantse, ndiyakholwa bekukwisidlo sakusasa sabalungiseleli ngenye intsasa. Ndimise uYesu etyaleni. Ndathi, “Nje ngolo hlobo benza ngalo ngoko, kwangokunjalo bayenza

namhlanje.” Mhlawumbi kuyakulunga ukuba ndiyayiphinda nje okomzuzwana, ukuba sinalo ixesha. Ngoku, ndithe, namhlanje sifumanisa ukuba . . .

⁹ Kuhlaziyo lukaLuther, yena, kwixesha la lonto, wathi amalungisa ayakuphila ngokholo. “Umntu okholwayo, lowo, unaYo.” Kodwa sifumanisa abaninzi babo bathi bayakholwa, babe bengenaYo.

¹⁰ Kwimihla ka—kaJohn Wesley, ukuba bafumene intsikelelo yesibini, bayibiza yona, lungcwaliso, lulonke ungcwaliso, bonwaba kwaye bakhwaza. “Wonke ubani okhwazileyo, waye naYo.” Kodwa bafumanisa ukuba babengenaYo. Uninzi labo lakhwaza, babe bengenaYo.

¹¹ Imihla yePentekoste, bathi, “Ngoku ukubuyiselwa kwezipho kufikile, ubhaptizo loMoya. Lowo uthetha ngeelwimi, unaYo.” Sifumanisa ukuba abaninzi bathetha ngeelwimi, babe bengenaYo.

¹² Ngoko bathi, “Kuhle, isiqhamo soMoya, nako into Okuyiyo.” Owu, hayi, hayi isiqhamo soMoya. UbuKristu beNzululwazi bunako oko, apho kunzima . . . Uthando sisiqhamo soMoya. Ngoko, kwaye banothando ngaphezu kwakhe wonke ubani, babe bebukhanyela ubuThixo bukaYesu Kristu; baMbiza nje umprofeti, nje indoda eqhelekileyo. Uyabona? Ke ngoko lonto ayikwenzi.

¹³ Mandiyibuze nje lonto nje umzuzu. Masimise uYesu etyaleni. Kwaye uThixo andixolele ngale ntetho, ukuphuma eqongeni, kodwa ndizakuMchasa okomzuzu, nje ukunizisa ekuKhanyeni. Uyabona?

¹⁴ “Ngoku ndinani bantu apha ngobu busuku; ndithetha nani. I . . .” (Ndandisemva komnye umhla xa uYesu waseNazaretha wayesemhlabeni.) “Ndiza kuni, kwaye ndizokuzathuza nani chaseneyo nalomfo, uYesu waseNazaretha. Ngoku siyazi sonke ukuba uThixo uluthando. IBhayibhile ithi Ulilo. Konke kulungile, kwaye uthando, uMoya uzeka kade umsindo, ububele, umonde, ubulali, nokunjalo, nothando. Ngoku ndithi, ndifuna ukunibuza into. Sizakuthatha into—into esiyaziyo, umKristu.

¹⁵ “Jonga lombingeleli wakho mdala. Ukhokho omkhulu wakhe wayengumbingeleli. Kwakufuneka azalwe kula mlibo wamaLevi, ukuze abe ngumbingeleli. Sifumanisa, ngoku, akanabo ubomi bomfana omtsha njengoko nina naba nabo. Wenzani? Uyazinikela, uphaya ukuze afunde iLizwi, iLizwi likaThixo. Uphengulula lona, imini nobusuku, imini nobusuku, kufuneka azi unobumba ngamnye walo, igama ngalinye kwincwadi esongwayo. Kufuneka Alazi ngentliziyo. U—u, nje into ngalo ekumele ayazi.

¹⁶ “Kwaye ke, ngaphandle koko, xa utata wakho nomama wakho babetshata, ngubani owabamanyayo njengomyeni nomfazi? Ngumbingeleli wakho omdala onobuthixo. Ngubani

owezayo kutata wakho xa wayekwisidingo kwaye etyala imali ethile kifama yakhe, oonothimba ababeza kuyithatha? Ngubani owema naye? Ngumbingeleli wakho onobubele omdala. Ngubani owema ecaleni kukamama wakho egumbini phaya xa wayezala wena? Onobubele omdala umbingeleli. Ngubani ozayo kuwe xa ugula unesidingo? Ngumbingeleli wakho onobubele omdala. Ngubani owakusikelelayo wakunikela kuThixo, kwaye wakolusa ngomhla wesibhozo? Ngumbingeleli wakho onobubele omdala. Xa utata wakho nomama wakho babezakwahlukana, ngubani owababuyisela kunye, wabagcina bekunye? Ngumbingeleli wakho onobubele omdala. Xa kukho ingxaki ekuhlaleni, ngubani oyihoyayo? Ngumbingeleli wakho onobubele omdala. Ngokuqinisekileyo.

17 “Ngoku lombingeleli mdala unobubele uyayazi ukuba iBhayibhile ithe uThixo ufuna imvu ukwenzela idini. Uninzi lenu madoda ningosomashishini, ngoko anifuyanga zigusha, abe uThixo efuna igusha. Benza indawo zokuthengisela phezulu phaya, bathengisa igusha zabo ukuze o—osomashishini babe nokunyuka baye bazithenge, benikela ngedini besenzela umphefumlo wabo, uThixo alifunayo.

18 “Wenza ntoni lomfo usemtsha, ubizwa Yesu? Uvela phi? Kuthiwa wazalwa, uzalo yintombi eseyintombi. Ngubani owakhe weva ngenjalo imfitshimfitshi yento? Siyazi ukuba umama wakhe waba naye phambi kokuba yena noYosefu bazalwe, okanye, yena noYosefu batshate, wazalwa. Ngoku sifumanisa ukuba u—uligama elibi, indawo yokuqala.

19 “Leliphi ikadi lobulungu analo? Ukuba ebeyindoda enobuthixo, leliphi iqela azibandakanya nalo? Xa umbingeleli wakho wafundayo, wafunda, wafunda, wafunda, ukuze alazi elaLizwi; nanku esiza, eqwengela phantsi lento ayakhileyo. Ungayibiza ukuba ngu ‘Thixo’ lonto? Ngokuqinisekileyo hayi.

20 “Ngoku, ngenye imini, xa umbingeleli wakho wayenze landawo phezulu phaya, i...kwaye ukwenzela apho unokuthenga idini, wenza ntoni lomfo usemtsha? Ububele? Wababetha, wadibanisa iintambo kunye, iflekisi ezithile neemfele, waze wajonga phandle ebantwini, ngomsindo; wazikhabela ngaphaya ezotafile, wababetha wabakhupha phaya. Uze ubize oko ukuba ziziqhamo zoMoya, ebanjonga, ngomsindo? Kwaye, jonga, evimba indoda ithuba layo lokunqula uYehova! Usomashishini ufuna ukuMnqula; akafuyi zimvu, kwaye uye phaya ukuze ayithenge. Waze wayiqubuda, wabakhaba, wabaleqela phandle.”

21 Ngubani onesiqhamo soMoya phaya? Um-hum. Uyabona? Nako ke. Uyabona, hayi isiqhamo soMoya, hayi ukuthetha ngeelwimi, hayi ukukhwaza.

22 Uthi, “Ke ngoko, Mzalwana uBranham, yintoni ubungqina? Yintoni ubungqina?” Ukungqinelwa kweLizwi kwiyure.

²³ Babe nayo iBhayibhile. Waye koko ngqo uYehova wayethe kuyakwenzeka. Ayidingi naluphi utoliko. Yatolikeka phaya. Nabo ababingeleli bakho, nako konke ababenako, nayo yonke enye into nje ngokuqhelekileyo nako konke, kodwa noxa kunjalo basilela ukulibona iLizwi. Kwaye Wenza ela Lizwi liphile kwesa sigaba. Nabo ubungqina besa sigaba.

²⁴ ULuther wayenabo ubungqina besigaba sakhe, uWesley obesakhe isigaba, amaPentekoste obesabo isigaba, kodwa sikwesinye isigaba. Ezo zinto zilungile. Kodwa njengosana, unomnwe, imehlo, kwanempumlo, kodwa emva kwethuba kufuneka abe ngumntu. Kufuneka abe ngo—ngozeleyo umntwana; ze ke azalwe, abe nomphefumlo, umzimba, umoya, abe nokujikeleza.

²⁵ Ngoku sifumanisa ukuba, konke oku, uYesu wayekuqondakalisile, kwaye nje abambalwa, nje abo Wayebamisele eBomini, bambona Yena. Hayi izihlwele ezikhulu; izihlwele zaKhe bezingenakuze zibe nje ngezika Kayafa izihlwele. Ngoba, uKayafa ngewayebize sonke isizwe sihlangane. UYesu wabiza nje abambalwa bahlangana. Babengabaninzanga abaMaziyo. Amawaka aphindwe ngamawaka, xa Wezayo emhlabeni. Wadlula emhlabeni, kwaye abazange bazi nokwazi ukuba Waye lapha.

²⁶ Kuyakuba njalo ke kwakhona! Uyakuza kwabo babizelwe eBomini. Uyazi ngubani obizelwe eBomini. Kwaye Akayi. . . Ngumsebenzi waKhe ukuyihoya lonto.

²⁷ Ngoku siyaqaphela ukuba ke baphuma ebandleni, kwaye babeMkholiwe. Yonke into iLizwi ebelikade liyithetha ngaYe, Wayelapho ke.

²⁸ Kwaye ngenye imini Walishiya ikhaya labo. Ndifuna ukuthetha ngezinto ezintathu: uYesu wayemnkile; ukufa kwakufikile; kwaye onke amathemba ayemnkile. Ndifuna ukuthetha ngezo zinto zintathu imizuzu embalwa.

²⁹ UYesu wayemnkile. Kwaye xa weMkayo, ingxaki yangena. Ngoku xa Ekushiya, okanye ikhaya lakho apho uhlala khona, ingxaki isendleleni. USathana unesango elivulekileyo xa uYesu esimnka.

³⁰ Wayemnkile, kwaye—kwaye ngokukhawuleza nje ukuba Enze njalo, ke ukufa kwangena. Kwaye xa uYesu ephuma, ukufa kuyangena. Ukwahlukaniswa kuYe kukufa, ngoko ukufa kwangena xa uYesu waphumayo.

³¹ Kwaye ukufa kwajinga kuLazaro. Kwaye ke Lo babekholwa kuye bemthanda, babethumele kuYe ukuba aze kuthandazela uLazaro, ngoba babeMbonile kwaye besazi ukuba Uyamazi uThixo, okokuba, “Nantoni na, uThixo. . .” uMarta wakuveza oko emva phaya, “Nantoni na Wena oyithethayo kuThixo ngoku, uThixo uyakuyenza.” Waqonda ukuba Yena noThixo baNye. Waye liLizwi leyure, ngoko wayiqonda lonto. Kwaye wayesazi,

ukuba ngathi aqhagamshelane naYe, kodwa Wayemnkile kwaye babengakwazi kuMfumana. Kwaye bathumela ukuya kuMfunu, kwaye, endaweni yokuba Aze, Wahambela kude. Kwaye emva koko bathumela kwakhona, kwaye, endaweni yokuba Aze, Wahambela kude.

³² Ngamanye amaxesha siyamangala kutheni ezo zinto zisenzeka, kodwa asitsho na iSibhalo ukuba, “Zonke izinto zisebenziselana okulungileyo kwabo bamthandayo uThixo”? Uyayazi into Ayenzayo. Ukuba Uyalibazisa, kulungile oko. Uyayazi into Ayenzayo. Kwakukho injongo.

³³ Sifumanisa ukuba Wathi, koNgcwele uYohane 5:19, “Inene, inene, ndithi kuni, uNyana akanakwenza nto ngokwaKhe, kodwa oko Abona uBawo ekwenza.”

³⁴ UBawo wayeMxelele ukuba ahambe, kwaye angabikho iintsuku ezininzi. Emveni kokuba iintsuku zizalisekile, ke Wathetha oko Wakuthethayo ngoko, ukuba, “Umhlobo wethu uLazaro ulele.”

Kwaye wathi, “Kuhle, wenza okulungileyo.”

³⁵ Wathi, “Ufile. Kwaye ngenxa yenu ndiyavuya bendingekho phaya.” Ngoba, bebeya kuMzama ukuba aye kuye, amphilise okanye atsho oko kumele kwenziwe. Kodwa Wayesazi oko kumele kwenziwe, ngoko Wayenze nje ngqo oko Wayemiselwe ukukwenza: ukungabikho. Ukuba umqaphela Yena engcwabeni xa Abuyayo. Wakuveza oko xa Wabuyayo wafumana eli khaya.

³⁶ Onke amathemba ayephelile. ULazaro wayefile. Iyure nganye, babemana becinga, “Angavela. Angavela. Angabuya.” Ekugqibeleni, wafa, ukuphefumla kwamshiya.

³⁷ Baphuma, bamfaka iziqholo, bekhupha igazi emzimbeni wakhe, bamsongela ngelineni, iziqholo, bamqhola bamlalisa engcwabeni, babeka ilitye ngaphezu kwengcwaba, ekwaku sisithethe sabo sokungcwaba ngalo mihla. Umgxunya emhlabeni, nje mhlawumbi elityeni, kuze kubekwe ilitye ngaphezulu kwawo, oko yayi sisithethe sabo.

³⁸ Olokuqala usuku ladlula, olwesibini usuku ladlula, olwesithathu usuku lwadlula, olwesine usuku ladlula, indoda yayisele ibola engcwabeni. Impumlo yakhe kunokwenzeka yayisele itshonile. Oko, ndiyacinga leyo yinto yokuqala etshonayo, yimpumlo. Kwaye wayesele ebolile. I—inyama yakhe yayibuyele eluthulini, lomhlaba, okanye ibuyela. Umphefumlo wakhe wawukhambo lwentsuku ezine ndaweni ithile, ukusuka kuye.

³⁹ Onke amathemba okuphinda abonwe kwakho, kobubomi, ayephelile. Kwaye ke xa onke amathemba ayephelile... Babelindile, “Mhlawumbi ukuba Uyakuza kolokuqala usuku, kolwesibini usuku!” Hayi. Ke wafa, wabe Engezanga. Ke ukuzilahlela kwangena.

40 Emva kwethuba kwakho ubani owamxelelayo, “UMfundisi uphandle.” Nanko esihla uMarta ngesitrato!

41 UYesu wafika kula yure imnyama xa onke amathemba ayephelile. Elo lilixa Adla ngokufika ngalo. Uyabona? Ufika nje kwelona limnyama ixesha, emva koko uYesu avele ekubonakaleni.

42 Ngoku jonga, Wafika wabiza uMarta. UBukho baKhe bazisa amathemba amatsha. Nokuba inkwenkwe yayisele ifile, nangoko uBukho baKhe buzisa ithemba elitsha.

43 Usenokuba uhleli apha ngobu busuku, sihlobo sam, apho oogqirha bakuncamileyo, nomhlaza, ingxaki yentliziyo. Mhlawumbi kwisitulo samavili, usisiqhwalala, yonke inzululwazi sele ithe akukho themba ngawe; ukungena kwecalcium sele—sele kuwadibanisile awakho—awakho—awakho amathambo, ukuba awunakuphinda uwagobe. Okanye, inokuba intliziyo yakho—yakho yonakele kangako, ugqirha uthi unгахamba nangawuphi umzuzu. Owu, kwaye negquba elikhulu labantu abanomhlaza neTB, mhlawumbi ithemba lokugqibela onalo, kwaye kubonakala ngathi ugqirha ukujikile. Nangoko, ukuba kuBukho nokubuqonda uBukho bukaYesu Kristu, kuzisa amathamba kwakhona.

44 Ubani angade akunike igama layo. Mhlawumbi awuzange weva ngayo ngaphambili, kodwa ubani makathi, “Ndiyayazi apho kukho ibandla, bayamkholwa uThixo kwaye bayabathandazela abagulayo,” ngokukhawuleza (Ngoku, ulungele ukufa. Yabona?), amathemba amatsha ayahluma. Isoloko isenza oko. Kulayure yobumnyama, kudla ngokuba kuxa ubani akuxelela into ethile, akuxelele ngoYesu. UBukho baKhe bazisa amathemba amatsha.

45 Banga bungenza lonto inye ngobu busuku, njengoko benzile kubusuku obudlulileyo. Xa sibona eliya lingqinelweyo iLizwi ngaphandle kwamathandabuzo, elibonakalisiweyo, laza lacikidwa ukuba laYesu wayephila kwishumi elinethoba lamakhulu eminyaka eyadlulayo, owafa eKalvari, wavuka ngomhla wesithathu, waza wabonakala kwabaya bafundi wavula amehlo abo, waze wenza esi sithembiso semini, ulapha ngobu busuku kubukho bethu ngoku, bubophelelekile ukuba buzise amathemba ebantwini. Amathemba amatsha ayakhanya.

46 Mhlawumbi umntu othile wathi, “Ibandla belingathi lomile okwexeshana. Asikhange ke sifumane nanjani amanzi alungileyo ahlaziyekileyo i—i—iinyanga ezimbalwa. Asikhange ke sibe nemvuselelo. Kubonakala ngathi wonke umntu udamile kangako, okanye into ethile engenye. Siya nje enkonzweni sicule iculo, kwaye—kwaye sive imiyalezo embalwa sibuyele emva.” Kodwa konke ngesiquphe, ke, xa siqala ukoma, ke uYesu uyafika, asihlaziye, azise into entsha kuthi. Usoloko elapho

ukukwenza oko. Amathemba amatsha eza xa—xa uYesu engena. UBukho baKhe buzisa ithemba elitsha.

⁴⁷ Wayesazi ukuba Uleliya libonakalisiweyo iLizwi likaThixo. Wayesibonile esiya sigaba. Okanye, ukuba wayengenakho, ngewaye seseOrthodox. Ngewaye sengowecawa. Kodwa wayelibonile eliya lithenjisiweyo iLizwi. Wayelibonile eliya lithenjisiweyo iLizwi libonakaliswa nguYe kwaye wayesazi ukuba Uleliya liphilayo iLizwi. Kwaye xa wevayo ngako oko, akazange akhathale ukuba bangaphi abamgxe kayo, nenye into, waphuma eleqe kuYe kangangoko wayenako ukuhamba. Uyabona? Wayesazi ukuba Uleliya libonakalisiweyo iLizwi.

⁴⁸ Akukho mathandabuzo kodwa oko wayekufundile ngebali lika-Eliya ngemihla yakhe. Ngoku, waye liLizwi likaThixo elibonakalisiweyo ngala mhla. Wayengumprofeti, kwaye iLizwi leNkosi liza kumprofeti. Kwaye kwakukho umfazi phaya owayenomntwana omncinci awayemnikwe yintsikelelo umprofeti awayemsikelele ngayo, kwaye waye enaye umntwana.

⁴⁹ Ngenye imini, malunga nentsimbi yeshumi elinanye, makube wayefumene ukubethwa lilanga. Waye phandle entsimini noyise, iBhayibhile ayithi kwakunjalo, ayithi wayebethwe lilanga, kodwa waqala ukukhala, “Intloko yam! Intloko yam!” Malunga nentsimbi yeshumi elinanye emini. Kwaye enesicaka, uyise enaso, ukumthatha simse endlini. Walala emathangeni kamama wakhe de kwaba malunga nemini entloko, waye egula ngakumbi nangakumbi, waze ekugqibeleni wafa.

⁵⁰ Kwaye ngoku, endaweni yokuba angene kwisimo sokuphelelwa lithemba, a...bonke abamelwane bangena bekhala beqhubeka, kodwa lamama uzolileyo, usana lwakhe lwalufile, walithatha walisa phezulu kwelagumbi ebelibonelele umprofeti, waze wambeka phezulu kwebhedi yakhe, ngolo hlobo. Waze wathi kwisicaka, “Khawundibophele iesile, uqhube ngokuthe tye, kwaye ungakhe ume ngaphandle kokuba ndikuxelele ukuba ume.” Owu, bethu! Nantso ke!

⁵¹ Asinaxesha lokuxoxa nokuxambula. Oku kudlule kula mhla. Masiqhubekeni. Simele sifike phaya. Sinesidingo.

⁵² Waze ke wathi, “Uye phambili, ungayekeleli ukuqhuba ngaphandle kokuba ndikuyalele njalo.” Kwaye bahamba de bafika ku-Eliya.

⁵³ U-Elijah, eyindoda kaThixo, hayi nje ngoKristu; uKristu wayesazi zonke izinto, ngoba WayenguThixo. U-Eliya wayesisabelo sikaThixo. YayinguKristu lowa eku-Eliya. Kwaye lowo yayingumyalezo weyure, ngoba iLizwi leNkosi lalayure lalikulamprofeti.

⁵⁴ UYesu wayeyinzaliseko yabo bonke abaya baprofeti, bonke ngamnye wabo babebonakalisa kuphela Yena. Kuko konke oko. Konke ukusuka kuYosefu, ukusuka kwisilivera ezingamashumi

amathathu, yonke indawo, wa—waveza uKristu. Wenza njalo noMoses!

⁵⁵ UDavide, ehleli njengekumkani eyaliweyo phezu kwenduli, elila ngokuba wayaliwe. Amakhulu asibhozo eminyaka emva koko, uNyana kaDavide wahlala phezu kwenduli. YayinguMoya kaKristu kuDavide phaya. Kwaye Wa...Bethu! Wayekuko kokubini iNgcambu neNzala kaDavide. Kwaye ngoko Wahlala phezulu endulini, elila, njengeKumkani eyaliweyo, “Yerusalem, Yerusalem, kufuthi kangakanani ndifuna ukunifukama, njengoko isikhukukazi siyakwenza kumantshontsho aso.” Yayiyintoni? YayinguKristu emva phaya.

⁵⁶ YayinguKristu ekhala xa uDavide wabhala ela culo, “Thixo waM, Undishiya ngani na Wena? Onke amathambo aM, ayaNdiyonga. Bagqobhoza izandla zaM neenyawo zaM. Babelana ngeengubo zaM phakathi kwabo. Benza amaqashiso ngesambatho saM.” YayinguKristu lowo ethetha ekuDavide. Kunjalo. Wayesisibonakaliso seLizwi. UKristu uza ukuza kuzalisekisa ezo zinto ezazithethiwe ngabaprofeti, ngoba iLizwi lalikusaprofeti.

⁵⁷ Uthethe oko kwisifundo kubusuku obugqithileyo, ukuba Uze kuzalisekisa oko abaprofeti bakuthethileyo ngaYe, ngoba babenalo iLizwi. Kwaye u-Eliya wayengumprofeti kaThixo, iLizwi lalamhla.

⁵⁸ Ngoko umfazi womShuneme wahlala nalamprofeti de weza wazakubonakalisa amandla kaThixo, wazolula phezu kosana, lwaze usana lwabuyela ebomini.

⁵⁹ Ngoku uMarta umelwe kukuba wakuqonda oku, nangona wayexakekile ehoye indlu, ukuhlamba izitya, nokunjalo. Kodwa apho wazibonakalisa ukuba ungonjani. Wabonakalisa ngenene oko kwakungaphakathi kuye. WayakuMlanda ngoko nangoko. Ukuba uThixo wayeku-Eliya, uThixo kwakumele abe kuKristu, ngoba Wayekuqondakalisile ukuba Unguye laMntu. Amen. Ndiyakuthanda oko, okwa kuzimisela! Uya kuYe. Kwakufuneka aMlande. Kwaye wafumanisa phandle phaya, xa wayefika kuYe—kuYe; ngoku khumbula, esazi ukuba akazange Atshintshe, ukuba uThixo akakhe ayitshintshe inkqubo yaKhe. Ukuba wayeku-Eliya kwaye enako ukuvusa abafileyo, WayekuKristu kwaye enako ukuvusa abafileyo, nangano Wayengekayenzi, ngoba nguThixo omnye.

⁶⁰ Akakaguquki nangoku! Use nguThixo kangako ngobu busuku njengoko Wahlala enjalo. UnguYe izolo, namhlanje, naphakade. Akaguquki.

⁶¹ Kwaye Wayesazi ukuba uyayazi ukuba ikuYe. Jonga, nje ngemizuzu embalwa yayiqondakalisa, xa wathetha into kuYe malunga nomntakwabo, waze wathi, “Nkosi, ndi—ndiyakholwa ukuba Ukuko.”

⁶² Kwaye Wathi, “NdiluVuko kwanoBomi. Nakuba ebefile, uyakuphila. Kwaye lowo uphilayo ukholwayo kuM akasayi kufa. Ndinguye.” Ngula Ndinguye owayesetyholweni elivuthayo, noMoses. “NdiluVuko. NdibuBomi. NdandiLudonga. NdiseNguye. NdiluVuko kwanoBomi. Lowo ukholwayo kuM, noba ebethe wafa, uyakudla ubomi. Lowo uphilayo ukholwayo kuM, akayi kufa naphakade.” Emveni kwesi siqinisekiso awayenaso, ukuba WayeliLizwi elithenjisiweyo; xa Wathi, ekubeni enguMprofeti, Wayengenakuxoka; ngoko ke Wa, xa Wathi, “Ndingu Ndinguye. Ndinguye Lowo uLuvuko kwanoBomi.”

⁶³ Wathi, “Ndiyakholwa ukuba uNgulowo, uNyana kaThixo omele ukuza ehlabathini. Nangona umntakwethu efile, elele phandle phaya engcwabeni, u...umzimba wakhe uyabola ngoku; kodwa nangoku, nantoni na Oyithethayo, iyakuzaliseka.” Kulungile!

⁶⁴ Konke awayekufuna yayikukuMva ekutsho! Amen. Owu, Marta, siphi ngobu busuku? “Thetha nje iLizwi; isicaka sam siyakuphila!” Nje Umve ekutsho! Babenokuba bazile bamxelela ukuba Ukutshilo, kodwa Nanku elapha Ngokwakhe. Owu Thixo, vula amehlo avalekileyo, ukuze abe nako ukubona! Xa Yena, kuBukho baKhe, ethetha iLizwi, soloko libonakaliswa.

⁶⁵ Wathi, “Nantoni na othi Uyicele kuThixo, uThixo uyakuKunika. Nje mandikuve!” Wayefuna Yena athethe iLizwi. Nako konke awayefuna ukukuva. Fumana nje iLizwi, nako konke awayekudinga, yayikukuMva esithi Uzakuyenza.

⁶⁶ Kwaye Ngewaye eyenzile kanye ngoko, kodwa, uyabona, ngombono uBawo awayeMbonise wona, kwakufuneka abe Ume ngasengcwabeni. Owu, bethu! Lubambe ukholo lwakho! UThixo usebenza yonke into ilunge. Izakulunga yonke. Linda nje de afike engcwabeni.

⁶⁷ Qaphela, wayenokumenza nje ukuba Akutsho, naxa wayese...Onke amathemba ephelile, konke yonke into. Wayefile, ebola engcwabeni, kodwa nje ukuMva ekutsho, kuko konke awayekufuna.

⁶⁸ Ngoku xa Wathi, “NdiluVuko kwanoBomi,” wakholwa koko. Wakholwa koko. Ngoku qaphela, ngoku kwafuneka ukuba akholwe okungenakwenzeka, xa waMvayo esithi, “NdiluVuko kwanoBomi. Nokuba ebefile, wodla ubomi, kwaye lowo udla ubomi ekholwa kuM akasayi kufa naphakade.” Wathi, “Uyakukholwa oku?”

⁶⁹ Kwaye wathi, “Ewe, Nkosi, ndiyakukholwa oko. Ndiyakholwa ukuba Wena unguye uNyana kaThixo obeza kuza ehlabathini.” Ndiyakuthanda oko. Ndiyakuthanda oko.

⁷⁰ Ndi—ndikuthethile oku ngaphambili. Kungama kwakhona ngoku. Bendithetha nomfazi kungekudala, ibilibandla elithile ebendilibizile kwisithuba esidlulileyo, elingakholwayo ukuba

WayenguThixo, Ubuthixo baKhe; Wayengumprofeti nje, indoda eqhelekileyo.

⁷¹ Wayekoko, inyaniso. Wayekoko, udibanise uThixo. Uyabona, Wayesisibonakaliso. UYesu ungumzimba, iNkwenkwe, iNdoda; uThixo koko kwakuhlala ngaphakathi kuYe. UThixo wayekuYe. Wayeyindoda-Thixo. WayeyiNdoda, abe EnguThixo ebonakaliswe enyameni. Xa sibona uYesu, sibona uThixo. Yilonto Awayithethayo, “Xa ubona uBawo . . . ubona Mna, ubona uBawo.” Ngokuba, Wayengumfanekiselo, ngokuba WayeliLizwi, amen, elalisekuqalekeni. Amen.

⁷² Wabiza abaprofeti, “thixo”. Uyayazi lonto? Wathi, “Nibabiza ‘thixo’ abo iLizwi likaThixo liza kubo. Nindigweba ngani Mna xa Ndisithi, ‘NdinguNyana kaThixo?’”

⁷³ Ngoba, iLizwi elinye lithe Uyakuba lapho, kwaye nalo iLizwi lenziwe labonakala kwakho. Kube nangoko bengasayi kulikholwa.

⁷⁴ Lomfazi wathi kum, “Ndingayingqinisisa kuwe.” Wathi, “Ndiyakuthanda ukukuva ushumayela, kodwa kukho into enye oyenza kakhulu.”

“Kuhle, yintoni leyo?”

Wathi, “Uqhayisa kakhulu ngoYesu.”

⁷⁵ Ndathi, “Ndiyathemba koko kuphela Anako ngokuchasene nam nam xa Esiza.” Waze wathi . . . Ndathi, “Ndiyathemba kuphela Anako, isiphako Angayifumana kum.” Ndathi, “Ukuba bendineshumi lamawaka eelwimi, bendingenakuthetha ngokwaneleyo, owu, bethu, into Ayiyo!”

Wathi, “Kodwa, wena, uMenza uThixo.”

⁷⁶ Ndathi, “Waye enguye. Okanye, ukuba Wayengenguye, Wayengoyena mkhohlisi mkhulu ihlabathi lakhe lanaye.”

Wathi, “Wayengumprofeti.”

⁷⁷ Ndathi, “WayenguMprofeti, kuyinyaniso oko: uprofeti-Thixo, inzaliseko yeLizwi. Umprofeti wayefumana nje iLizwi lisiza kuye, nantso into emenze—eyamenza umprofeti. Kodwa Wayeyinzaliseko yelaLizwi.”

⁷⁸ Waze wathi, “Ndingayingqinisisa kuwe.” Wathi, “Umenza OnoButhixo.”

Ndathi, “WayenoButhixo.”

Waze wathi, “Akanakuba nobuThixo.”

Ndathi, “Wa . . . Kodwa Wayenabo.”

Wathi, “Uthe uyayikholwa iBhayibhile.”

Ndathi, “Ndenza njalo.”

⁷⁹ Wathi, “Ndizakuyingqinisisa kuwe, ngale Bhayibhile yakho, ukuba WayengenabuThixo.”

80 Ndathi, “Yenze. Ukuba iBhayibhile itsho njalo, ngoko ke ndiyakuyikholwa, ngoba ndiyakholwa ukuba iLizwi lichanekile.”

81 Wathi, “Endleleni ukusuka ezantsi ukuya engcwabeni lika Lazaro, uyakukhumbula oko kuYohane Ongcwele 11?”

Ndathi, “Ngokuqinisekileyo ndiyakukhumbula, nkosikazi.”

82 Wathi, “Kuhle, ngoku, endleleni ehlayo, Walila. IBhayibhile yathi, ‘Walila.’”

Ndathi, “Ngokuqinisekileyo, iBhayibhile ithe Walila.”

Wathi, “Angaba noButhixo njani alile?”

Ndathi, “Wayengumntu.”

“Umntu abenoButhixo?”

83 Ndathi, “Ewe, nenekazi. Uyasilela ukubona. Waye yi—yindoda ehamba phaya, elila nabo babelila, kunjalo, ebuhlungu nabo babebuhlungu. Waye yiNdoda. Kodwa xa Wawolulayo owaKhe omncinane, obuthathaka umzimba wama, waze wathi, ‘Lazaro, phuma,’ yaze indoda ibifile iintsuku ezine, yema ngenyawo zayo. Oko kwathabatha ngaphezu kwendoda, yayinguThixo eNdodeni.” Ngubani onokuvusa ofileyo, ngaphandle koThixo? UluVuko kwanoBomi! Kunjalo.

84 Ngoba busuku phandle elwandle, xa Waye phandle phaya, ediniwe, elele kumva wesikhitshana, apho ishumi lamawaka eedimoni zafunga ukuba ziza kuMntywilisela ngoba busuku, kwaye nesiya sincinane sidala isikhitshana sintsileka njengesivalo sembhodlela phandle phaya kulwandle olunoqhwithelo. Eza dimoni zacinga, “SiMfumene ngoku. Ulele; sizakuntywilisela lonke eliqela.” Owu, WayeyiNdoda, ediniwe, kodwa xa wathi wavuswa, Wamisa unyawo lwaKhe kwintambo yesikhitshana, waze wajonga phezulu wathi, “Yithi tu, yithi cwaka,” yaza imimoya namaza aMthobela. Oko kwakungaphezulu kwendoda.

85 WayeyiNdoda xa Wayelambile, esihla entabeni, ekhangela iqhekeza lesonka okanye into ethile yokudla, okanye ikhiwane emthini. Kodwa xa Wathabatha amaqebengwana amahlanu neentlanzi ezimbini, waze wondla amawaka amahlanu, yayinguThixo kulaNdoda. Kunjalo.

86 Owu, wonke umntu owakhe waba yinto ethile wakukholwa oko, zonke iimbongi ezakukholwa oko. Akumangalisi enye yabhala:

Ephila Wandithanda; esifa, Wandisindisa;
Engcwatywe, Wazithwalela kude izono zam;
Evuka, Wagwebela ngesisa ngonaphakade;
Ngenye imini Uyeza, Owu ezukileyo imini!

87 U-Eddie Perronet, ongoma zakhe zazingathengwa. Ngenye imini, egxadazela phantsi kwempembelelo yoMoya oyiNgcwele, wathabatha usiba, wabhala iculo lokumisela, xa wabhala:

Konke kukhahlela amandla eGama likaYesu!
Mazithi Iingelosi ziwe zizolule;
Zisa isithsaba sobukhosi,
NiMthwalise isithsaba iNkosi yako konke!
(Halleluya!)

88 Ngokuqinisekileyo, yilonto esikholwa ukuba Wayeyiyo. Ewe, mhlekazi.

89 Kufuneka akholelwe izinto ezingenakwenzeka ngoku, ngokwendlela yokucinga yalamhla. Ngokunjalo nawe kufuneka ukholelwe izinto ezingenakwenzeka, ukuze ubone uBomi obutsha, ukuze ubone into ethile isenzeka. Kodwa ukuba Wayiqonda... Yena waMqonda ukuba uliLizwi, ke izinto ezingenakwenzeka zingakho, ngokuba UnguMdali, kwaye uyakuma nayo yonke into Ayithethileyo.

90 “Kwaye zonke izinto zinako ukwenzeka kwabo banokukholwa.” Elo liLizwi laKhe. Kodwa ezingenakwenzeka ziyabonakaliswa xa uThixo ethathwe eLizwini laKhe. Ewe, mhlekazi. Xa uThixo ethathwe eLizwini laKhe, izinto ezingenakwenzeka zi—ziyabonakaliswa. Xa uThixo esithi izakuba kho, ke thatha elo Lizwi uze ukujonge oko, izinto ezingenakwenzeka ziyenzeka. Ngokuqinisekileyo iyakuba kho.

91 Kodwa qaphela, nakuko konke oko, wathi, “Nangoku, Nkosi, nantoni na Othi uyicele kuThixo, uThixo uyakuyenza.” Wayesazi ukuba nje ukuba angafumana ela Lizwi liphuma kuYe. Kuko oko kuphela ekwakufuneka akwenze, yayikukufumana ela Lizwi. Ewe, yayiyeyona yure yakhe imnyama, waze uYesu wafika wabiza. Owu, enjani into abayibonayo, uvuko!

Makhe sijongeni abanye apho kwafika iiyure ezimnyama.

92 Kwakukho indoda ngelinye ilixa, egama linguYobhi, omnye wabaprofeti abadala eBhayibhileni. Wayeyindoda enkulu. Waye—wayeyithandile iNkosi, kwaye enze konke awayekwazile ukukwenza. Waze uSathana wanqwenela ukummhluza, ngoko wathi kuThixo ngenye imini... Eeh, uThixo wathi kuye, gxebe, “Uvela phi, Sathana?”

93 Wathi, “Owu, ekutyhutyhatyutyheni nasekahleni ndinyuka emhlabeni.”

94 Wathi, “Ukhe wamgqala na umkhonzi waM uYobhi? Akukho unjengaye emhlabeni. Uyindoda egqibeleleyo.”

95 “Owu,” wathi, “kakade, Umnika yonke into, umenzela yonke into. Ngokuqinisekileyo, uyindoda enkulu. Kodwa ndivumele ndimfumane kube kanye, ndiyakuluguqula ulungelelwano. Ndiyakumenza aKuaqalekise, ebusweni baKho.”

⁹⁶ Wathi, “Awunakuyenza.” Kukukholosa kwaKhe oko kwikholwa. Ngoba? AkaNasiphelo. UnguNaphakade. Wazi isiphelo kwasekuqaleni. Wayesazi ukuba uSathana wayengena kuyenza. Ngoba, UliLizwi, Wayeyazi into ayakuyenza uYobhi.

⁹⁷ Ngoku, khumbula, uYobhi, wamkhupha amathumba, wabulala abantwana bakhe, wathabatha yonke into awayenayo. Impilo yakhe yayimnkile. Kwanabathuthuzeli bakhe beza, kwaye ababi nakwenza nto kodwa nje ukumtyhola ngokuba ngumoni wasekhusini. Kwaye uYobhi omdala wafikelela kwindawo de waba ngoxinzeleleke kangako.

⁹⁸ Kufuneka ufikelele kuxinzelelo, kuqala. Kufuneka ufikelele kwixesha apho usekupheleni kwendlela.

⁹⁹ UYobhi wafika ekupheleni kwendlela, xa wathi, “Uqalekisiwe umhla endazalwa ngawo. Langa ilanga lingangakhanyi, kwaye yanga nenyanga ingangakhanyi ngobusuku, yanga igama lingangaze libizwe.” Kwaye kwelo xinzelelo, waze uYesu wafika. Wajonga ezantsi, waze wathi, “Ndibona, umntu, intyatyambo iyafa, ize ivuke kwakho entwasahlobo. Ukuba umthi uwiswa ngumoya, uyabuya ume kwakho ngevumba lamanzi.” Ububonile bonke ubomi bezityalo buphila kwakho, kodwa wathi, “Umntu uyalala phantsi, aphume umphefumlo, uphi?” Wayesazi ukuba uyindoda endala. Wathi, “Oonyana bakhe bayeza bazokumzilela, abe engakuqondi oko. Owu, ngathi Ungandifihla engwabeni undigcine kwindawo efihlakeleyo, de udlule umsindo waKho. Ndimisele ixesha undibekela ixesha. Siyile. . .” Wabe eqhubeka ngolo hlobo, ethetha. Wayesekupheleni, koxinzelelo lwakhe, “Kuyakwenzeka ntoni? Amagqabi ayaphila, ayabuya kwakhona emithini, iintyatyambo ziyabuya kwakhona, yonke enye into iyabuya, kodwa umntu uyalala phantsi aphume umphefumlo!” Wayekuxinzelelo. Wayengayazi into engenzeka kuye, abe yena ekobuya budala.

¹⁰⁰ Xa wenza njalo, ke wafika uYesu. UThixo wabhekisa intloko yakhe esibhakabhakeni, waze wabona uYesu esiza ngemihla yokugqibela.

¹⁰¹ Elona limnyama leyure xa umfazi wakhe wathi, “Qalekisa uThixo ufe ukufa,” nangoko wathi, “Mfazi, wena uthetha njengomfazi osisiyatha. YiNkosi enikileyo, kwaye yiNkosi ethabathileyo, iGama leNkosi malibongwe.” Nkqu nomfazi wakhe wamala. Ibandla lakhe lamala. Wonke umntu wamala.

¹⁰² Kula yure imnyama, apho wayengazi ukuba uyaphi ukusuka apho, uYesu wafika. Ke wakhwaza, “Ndiyazi uMhlawuleli wam uyaphila, kwaye ngemihla yokugqibela Uyakuma phezu komhlaba. Kwaye nangona iimpethu ziwudlavula lomzimba, ke enyameni yam ndiyakumbona uThixo, endiYakuzibonela mna ngokwam.” Kwiyure yakhe eyona imnyama, kengoko uYesu wafika. Ewe, mhlekazi.

¹⁰³ UMoses, ekaMoses, eyona imnyama iyure yamfikela kwaSirayeli. Wayesemgceci woxanduva; wahlangana noThixo phezulu phaya etyholweni, waze wathi, “NDINGUYE UNdingUYE.” Wehla wayakulwa nazo zonke iintlobo zokulinganiswa zooYanes noYambres, bezama ukulinganisa umsebenzi wakhe. Konke oku, wayemi ngokunyanisekileyo kuThixo. Ekugqibeleni wamenza uSirayeli wakholwa. Kwaye naku ephuma eYiputa, esiya phezulu kwi—kwilizwe ledinga, apho uThixo wathi, “Niza kuNdingula kule ntaba.” Elo yayi liLizwi likaThixo. UMoses wayesazi ukuba kufuneka aye kula ntaba. Amen. UThixo utshilo! Akukho Faro ungambulalayo. Akukho mtyholi ungambulala. Akukho nto ingambulala. Uyeza kula ntaba. Amen! Halleluya! Ndiziva ndingowenkolo. Uyaya kula ntaba.

¹⁰⁴ Ngokunjalo nathi sisendleleni yethu eya eBuqaqawulini! Akukho nto izakusimisa. Hayi, mhlekazi. UThixo uzakulingqinela iLizwi laKhe. Andikhathali kwenzeka ntoni, Uzakuyenza, nakanjani. Ewe.

¹⁰⁵ Endleleni yakhe, kanye endleleni yoxanduva. Nanku elapha, evaleleke phakathi kweentaba. Uyamamela ave ukugquma emva kwakhe. Yintoni? Iinqwelo zokulwa zikaFaro, ngamawaka, zisiza; zixhotyisiwe, nemikhonto nezinto, ukubanyathela phantsi zibanyhashe phantsi. Naluya uLwandle oluBomvu, limnqumlele indlela. Wenza ntoni? Wangena ku... Wangena kuxinzelelo. Abantu bonke bekhala, “Owu, sifumanekile ke ngoku. UFaro uza kusibulala, amakrele akhe azakudluliswa kuthi. Iintsana zethu zizakufa apha entlango.”

UMoses wakhala, “Owu Thixo!”

¹⁰⁶ Waze kengoko uYesu wafika apho embonisweni. WayeyiNtsika yoMlilo. Kunjalo. Wehla waze Wajinga phakathi kwakhe nengozi. Amen. UNgosingenela-phakathi. UngoMaphakathi, amen, uMlamlali. Nako Emi, emi apho; ubumnyama kumaYiputa, abo babesiza kuzama ukwenza into malunga noko. WayekuKukhanya kubo, bokuhamba ngako. Ngoko ke kusasa xa umoya waqalisa ukuvuthuza ngamandla, ngoba busuku, kengoko Wenza ntoni? Wayeze ekwisimo seNtsika yoMlilo.

¹⁰⁷ Khumbula, Useseyiyo laNtsika yoMlilo. Ewe, mhlekazi. Xa Wayesemhlabeni, Wathi, “Ndiphuma kuThixo, kwaye ndibuyela kuThixo.”

¹⁰⁸ Kwaye emveni kokufa, ukungcwatywa, ukuvuka, nokunyuka kwaKhe; oNgcwele uPawulos, endleleni yakhe eya eDamasko, wakhahlelwa phantsi yila Ntsika yoMlilo. Khumbula, wayengumHebhere. Wayengenakutsho oku... Wathi, “Nkosi, UnguBani?” Unobumba omkhulu N-k-o-s-i, uElohim. “UnguBani lo ndimtshitshisayo?”

Wathi, “NdinguYesu.”

109 Amen! Halleluya! UngowokuQala nowokuGqibela. Usesenguye. “Ithutyana ihlabathi lingabi saNdibona, nina niya kuNdibona. Ndiyakuba nani, nakuni.” LaNtsika yoMlilo inye, laThixo mnye esenza lanto inye, nesithembiso esinye, amen, esenza iLizwi laKhe lizaliseke. “NdiluVuko noBomi. NdinguLowo Wayekho, Lowo Ukhoyo, naLowo uYakuza.” Ewe, mhlekazi. Ehe.

“Obawo bethu badla imana entlango.”

110 Wathi, “Babe, bonke, befile. Kodwa, NDINGUYE ENDINGUYE.” UMoses . . . Kwityholo elivuthayo, yayinguNDINGUYE lowo. Usese nguye uNDINGUYE, hayi Ndandinguye; NDINGUYE, ixesha langoku, ngamaxesha onke.

111 Sifumanisa apha ukuba uMoses uvaleleke kanye kule kona, kwaye uKristu wayehlile. Ngoku, kwaye iBhayibhile yakutsho okuya, ukuba, “UMoses wanyula i—ingcikivo kaKristu ngaphezu kobutyebi baseYiputa.” Ingcikivo kaKristu! UKristu wayeyiNtambiso, iLogos eyaphuma kuThixo. INgelosi, nawuphi na umfundi weBhayibhile uyayazi ukuba laNgelosi yayinguKristu. Kwaye nako Elapho entlango, kwaye Weza ekubonakaleni, kwisimo ekwakumele Abonakalaliswe ngaso. Uzuko kuThixo!

112 Uza namhlanje kwisimo, laKristu mnye, ebonakaliswa.

113 Wabaxelela ukuba Uyakuba khupha. Wayekwenza oko. Nako Esiza kuma neLizwi laKhe, ukuLingqinela. Kengoko akuba Ezile, njengoko Wenza kuMarta, ngokoke Wabiza. Wathi, “Moses, kutheni ukhala kuM? Thetha kwaba bantu, ukuba niye phambili.” La yure imnyama, uLwandle oluBomvu lwavuleka baza banqumla, kuhambo labo lokuzalisekisa iLizwi likaThixo. Ewe, kwiyure kaMoses eyona imnyama, ngokoke uYesu wafika. Sinexesha ngoku . . . Waze Wabiza uMoses.

114 Sifuna ukutsala ingqwalaselo yakho kwenye indoda encinane. Igama layo yayinguYayiro. Kukho abaninzi babo ehlabathini namhlanje. Wayelikholwa labucala. Wayemthanda uYesu. Wayevile ngaYe. WayeMkholwa. Kodwa, uyabona, wayesele ezimanye nombutho. Eeh. Wa—wa—wa—waye . . . Wayengenakuphuma phandle akuvume. Wayekukholwa, kodwa wayengenakuyivuma, ngoko wayegqibile ukuzimanya nabangakholwayo. Kodwa wayesele eyikholwa.

115 Uyazi, xa indoda ingena kwesa simo, ngamanye amaxesha uThixo uyizisa kumanqam. Kukuxinzelelo ixesha esithi ngenene sibonakalise ukuba singobani, into ngenene esiyiyo.

116 Ngoko nanko elapho, wayesele ezimanye nabangakholwayo, kwaye sele eyile ukuya kubhalisa igama lakhe encwadini, kwanento ezinjalo. Kwaye wayengumbingeleli, waye ngoko e—engenako nje ukuba angenza isivumo, ngoba okuya yayisisonka sakhe. Ngoko, kodwa wayesamkholwa uYesu.

¹¹⁷ Ngenye imini, intombi yakhe yagula. Owu, bethu. Yena, ngaphandle kwamathandabuzo indoda, ukuba wa...ngolwa hlobo, ngewaye bize ugqirha. Nyangi yiza, yamhoya umntwana. Umkhuhlane wayo waye usiba mbi ngokuba mbi. Emva kwethuba yabashushu ngolona hlobo, kwaye yonke into, yade ekugqibeleni yasondela ekufeni. Wayekuxinzelelo. Kwakufuneka enze into. Wa—wayengayazi nje into amakayenze. Ngoku wacinga, “Ukuba kuphela ndingaMfumana, apho Akhoyo.” Ngoku akazange alinde de kube sebusuku, njengokuba wenza uNikodimo, ukuze abe nokubonana naye bucala. Ixesha yayilelokwenza into, ixesha lalifikile lokwenza into kwaye kumele ayenze ngelaxesha.

¹¹⁸ Kwaye ndiyacinga, mzalwane, dade, lonto inye ingoku. Ixesha lifikile lokwenza into. Ixesha lifikile lokukholwa okanye ungakholwa. Lamgca wokwahlula ufika kuyo yonke indoda nomfazi. Ufika kuye wonke umntwana. Ngamanye amaxesha xa ugqitha lamgca, inye kuphela into eshiyekileyo, ngumgwebo, xa ugqitha phakathi kwenceba nomgwebo, xa ugqitha lamgca.

¹¹⁹ Khumbula, wangena kuxinzelelo. Wayengayazi into amakayenze. Nabo bemi ababingeleli bakhe, bonke oorabhi bemi bemjikelezile. Ubudlelwane babukunye naye, konke ukuhla phaya, bebukela intombi yakhe isifa. Ugqirha emi ngaphandle, nezandla zakhe zisongeka, evuthulula izandla zakhe, “Ndimnike lonke iyeza endilaziyo, abe nangoko . . .”

¹²⁰ Uyabona, yayinguYesu esebenza lonke ixesha. UYesu wayesenza lento ngenjongo, ukuveza into ayiyo lamfo mncinane. Emveni kwethuba, ndiyabona esiya kuthatha umnqwazi wakhe omncinane omnyama awunxibe, anxibe ibhatyi yakhe encinane yobubingeleli.

“Uyaphi?”

¹²¹ “Ndi . . . Ndivile Usezantsi emlanjeni. Ndiyakufuna Yena!” Owu, bethu! Wemnka!

¹²² Kula yure yoxinzelelo, kwafuneka enze isigqibo: avumele umntwana wakhe afe, okanye wayesazi ukuba okuya kukubonakalaliswa kweLizwi. Wayengumbingeleli, kwaye wayelifundile iLizwi, kwaye wayesazi ukuba okuya kukubonakalaliswa kukaThixo. UThixo wayekuKristu, exolelanisa ihlabathi kuYe. Wayekwazi oko, kwaye wanyanzelwa kulo mba. Kwafuneka enze impazamo, avumele umntwana wakhe afe, okanye enze isivumo sakhe. Xa wangena kolo xinzelelo, kwakumalunga neloxesha awathi uYesu wafika. WayakuMbona. Wathi, wathi, “Ndiyakuhamba naWe, nantoni na Oyithethayo.” Kwaye phandle endleleni, nako kusiza umbaleki, into emnyama phaya. Sele esenzile isivumo sakhe, ukuba uyaMkholwa. Wayesele egqibile ukuzisika ngoko, wazibeka emehlweni kawonke wonke ngoko, ukuba ulikholwa kuYesu.

123 Kwaye naku kusiza umbaleki, wathi, “Sukuhlupha bani, ngoba intombi yakho sele ifile. Ife izolo. Sele efile. Suku, sukuba sadlalisa ngayo.”

124 Kwaye, owu, intliziyo yakhe encinane yanga isilele. Kodwa wajonga wabona lomehlo kaYesu, wathi, “Anditshongo na kuwe? Musa ukoyika, ukuba ufuna ukubona uzuko lukaThixo. Woyikiswa yintoni? Sele ndikuxelele ukuba Ndiyakuya.”

125 Sele etshilo ukuba Uyakuza. Sele etshilo ukuba Uyakukwenza oku, kwaye naku Ekwenza. Amen. Uthe Uyakuvela apha ngemihla yokugqibela azenze ezi zinto njengoko Wenzayo, njengoko besifundile phezolo sathetha. Apha Uyayenza. Woyikiswa yintoni?

126 Khumbula, xa Wezayo, waze Wambiza ukubuya ekufeni. Wafika apho wambiza wabuya ekufeni.

Omdala uBhartimeyu oyimfama, ngelinye ilixa, wafika kweyakhe eyona imyama iyure.

127 UYesu wayesezantsi apho, eququzelele esaMadodangoSomashishini eVangeli Egwele isidlo sakusasa ezantsi phaya e—eYeriko, waye Enaye uZakeyu ezantsi phaya. Wayehlangene naye emthini, ezantsi kwestrato. Ngoko xa Waye...Kuhle, Wayengenakuququzelela enye into, ndiqinisekile. Uyabona? Ngoko ke xa Wehlayo phaya, wabe E—Enaye, uZakeyu wayehambe naYe.

128 Omdala oyimfama uBhartimeyu wayeyimfama sukela eyinkwenkwe encinci. Ngoko wacinga uYesu angaphuma ngela sango, waye elindile. Emva kwethuba weva ingxolo eninzi, wabe wonke umntu edlula.

129 Kwaye weva umbingeleli esithi, “Heyi! Heyi, wena, wena unyuka endulini apho! U—u—u...Siyeva ukuba uvusa abafileyo. Sinamangcwaba onke azele ngabo phezulu apha. Ukuba unguMesiya, ukuba unguMesiya, nyukela apha uze kuvusa aba bafileyo.”

130 Uyazi, lowa umtyholi mnaye usaphila, uyabona, kwisimo senkolo, ngendlela enye. Uyabona?

131 “Ukuba unguMesiya, si...uvusa abafileyo; sinamangcwaba azele ngabo phezulu apha. Yiza.” Kwaye, owu, wonke umntu ekhala. Omnye ekhwaza, “Hosana kuMprofeti!” Omnye ekhwaza oku, okuya, okanye okunye. Esinjalo isiphithiphithi!

132 Le indala iyimfama indoda yacinga, “Owu, ndiMphosile. Uphume ezantsi phaya, kwaye bendicinga Uyakuphuma apha. Ndibekwe kwindawo engeyiyo.” Waze wangena ekukhwazeni. Wacinga, “Ukuba UliLizwi, UnguThixo; Umele abe njalo.” Ngoko, “Owu Yesu, Wena Nyana kaDavide, yiba nenceba kum!” Kula yure yoxinzelelo, wabiza.

133 Ngoko uYesu, ukuba uyakuyiphawula apha, wayeseYeriko. Apho babesithi uhleli khona, wayeziyadi ezilikhulu

elinamashumi amahlanu ukusuka apho uYesu wayekhona. Namawaka abantu begubungelana ukuMngqonga, Wayengena kusiva isikhalo salandoda. Hayi. Kodwa saMchukumisa. Wema.

¹³⁴ Ndifuna ukushumayela, ngobunye bobu busuku: “Waze uYesu wema.” Owu! “Waze uYesu wagoba.” Owu!

¹³⁵ Kodwa xa uYesu wemayo, yayiyintoni? Wambiza. “UMfundisi ufikile. Sukuba naxhala,” batsho abafundi, “Uyakubiza. Uyakubiza.” Wambiza emkhupha kwesasihlewele.

Wenza lonto inye ngoku. Ingaba iyangena? Uyabona?

¹³⁶ “UMfundisi ufikile kwaye ukubizile.” Kwaye Ubiza ukusuka—ukusuka ebumfameni ukuya ekukhanyeni, ukusuka ebumnyameni ukuya ekukhanyeni. Waze Wambiza, waphuma ekufeni wangena eBomini. “UMfundisi ufikile kwaye Uyakubiza.” Kwaye xa Wambizayo, Wambuyisela ukubona kwakhe.

¹³⁷ Umfazi omncinane onethombo legazi, ngelinye ilixa, phezulu endulini, wayechithe yonke imali yakhe, ngoogqirha. Waye, akukho mathandabuzo, babeyithengisile i—imfuyo. Babeyithengisile i—ifama, bebambise ngayo ngenxa yamatyala. Babechithe konke ababenako ukukuchitha ngeenyangi, akwabakho nanye kuzo emenzele okulungileyo. Waye ngokuqhubekekayo esiba mandundu ngokuba mandundu. Igazi lingayeki. Ngokuqhubekekayo, oko oko iqhubeka, wangena nzulu nanzulu.

¹³⁸ Kwaze ngenye imini, ngexa esahleli apho ethunga, phezulu endulwini ukusuka apho wayehlala khona, wajonga ezantsi entlilini, waze wabona isikhitshana singena. Wonke umntu eqalisa ukubaleka, “Hosana kuMprofeti!”

¹³⁹ Wayevile ngaYe. Ukholo luza ngokuva. Ngoku wathi, “Ndiyakuhla ndifumane ukuMbona.”

¹⁴⁰ Kwaye xa wayehamba ezantsi phaya, waze waqala ukubona iLizwi likaThixo libonakalalisiwe enyameni, kwakukho into malunga nokuthetha kwaKhe nenkangeleko yaKhe, wayazi ukuba lowa nguYe. Ewe, mhlekazi. “Owu, ukuba kuphela ndingatsala ingqwalasela yaKhe ngandlela ithile, ukuba kuphela ndingaMchukumisa ngandlela ithile!” Waze wanyebelezela kwisihlewele wachukumisa ingubo yaKhe.

¹⁴¹ Ngoku khumbula, yayingengomnwe wakhe Awachukumiseka nguwo. Hayi, mhlekazi, ngokuba ingubo yasePalestina ijinga ngokukhululekileyo. Kwaye Wa . . . ba . . .

UPetros wathi, “Wonke umntu uKuchukumisile.”

¹⁴² Wathi, “Kodwa oku kukuchukumisa okwahlukileyo. Ndiyaqonda ukuba ndiphelelwe ngamandla.”

¹⁴³ UYesu wayefikile. Imali yakhe yayiphelile, yonke into yayiphelile; kodwa kula yure imnyama xa igazi lalinganqamki,

babe noogqirha bengenakulinqamla, uYesu weza. Kwaye Wenza ntoni? Wambiza. Wajonga jikelele wade Wamfumana, waze Wathi, “Ubunethombo legazi, kodwa linqumkile.”

¹⁴⁴ “Unguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.” “UMfundisi ufikile kwaye Uyakubiza. Ufikile kwaye Wabiza.” Wambiza wabuyela empilweni.

¹⁴⁵ Umfazi omncinane equleni, esithethe ngaye phezolo, onke amathemba ayephelile. Mhlawumbi, kunokuba umyeni wakhe wesihlanu wayemshiyile, wavele nje wathabatha owesithandathu ngoba busuku, kwaye waye kwintandabuzo encinci ngaye. Ngokokuziphatha, wayephelile. Wayefuna ukuba linenekazi lenene; waye, akukho mathandabuzo, waye eyifunda iBhayibhile.

¹⁴⁶ Kwaye wayehamba apho, enyuka malunga nentsimbi yeshumi elinanye. Wayengenakuza kwakusasa xa abangamalungisa abafazi besiza. Kwaye babewathwala amanzi abo entlokweni yabo, neengqayi, baze behle ukuya ezantsi. Kwaye ngoko wayengenakuza, axubane nabo. Babe, babe nokucalulana kwalonto ngala mhla, okulungileyo nokungalunganga kwakungaxubani kunye. Abangaziphethanga kakuhle babehlala endaweni yabo, ngoko wayengena kuza nabanye abo. Babengena kumvumela aze. Ngoko emveni kokuba wonke umntu ewafumene amanzi akhe waze wabuya. . . Wazela aNgcono.

¹⁴⁷ Waze ke weza phezulu phaya nalo mphanda entlokweni yakhe, akukho mathandabuzo wayehamba, ecinga, “Ngoku, indoda endiyitshatileyo, okanye, endiyifumeneyo kubusuku obudlulileyo, ndiyayithandabuza. Iyindoda, iziphethe ngendlela engaqhelekanga. A—andazi nto nje malunga nayo. Andinathuba. Ndingokhutshiwewo ekuhlaleni. Kwaye andinakuya kula mabandla, aba. . . Bajonge nje! Andiyazi into emandiyenze. Ndikuxinzelelo. Kwaye bendiyifunda iBhayibhile; ngokuqinisekileyo, ngamini ithile, laMprofeti uyakuvela. Ngoku ndiyayazi babange ukuba akukho nto injalo, kwaye oku kunjalo, ‘Mhlawumbi kwikhulu leminyaka ukuphuma ecaleni, kwanewaka leminyaka ukuphuma ecaleni. Besikujongile amawaka eminyaka, kwaye ayikakhe yenzeke, ngoko asiyijonganga ngoku.’ Yonke into injalo, ‘Owu, hayi, sinamabandla nezinto. Asiyidingi into enjalo ngoku.’” Ngoko ke wayehamba apho, ecinga.

¹⁴⁸ Uyazi, xa ucinga ngaYe, kuleloxa Avela ngalo kuwe. Njengoko besinako phezolo, xa babesindleleni yabo eya e-Emawusi.

¹⁴⁹ Xa weyecinga ngezo zinto, weva iNdoda isithi, “Ndiphathele Mna amanzi.”

¹⁵⁰ Uthini ngalo nto? Kweyona imnyama yeeyure zakhe, xa ukuziphatha kakuhle kwakhe kwakumnkile. Mhlawumbi

elihle inenekazi elincinane, ejikelwe estratweni ukuze aphile oko. Ngamanye amaxesha asilotyala lentombi encinci, lityala labazali bayo, ukumyeka aphume phandle ngola hlobo. Kwaye nako elapho, mhlawumbi izihlwitha zenwele zakhe zonke zijinga ezantsi; wayephelile, ehamba, edinekile, kwabe kungekho mntu unanto yakwenza naye, umntwana, mhlawumbi ibali elikhulu lilandela oko.

¹⁵¹ Nanjani na, ndazi into enye, wayeyifundile iBhayibhile, kwaye wayeyikhulwa iBhayibhile. Kwaye kwakukho imbewu encinane elele ezantsi entliziyweni yakhe, yathi, “Ukuba ikhe yenzeka, ndiyakuyazi.” Wayemiselwe ngenxa engaphambili koko.

¹⁵² Jonga laJudas mdala emi apho esenza ngathi wayekwenza oko. Kwakumnyama ezantsi entliziyweni yakhe. UKukhanya kwakukhanya apha phezulu emisebenzini yakhe, kodwa ezantsi entliziyweni yakhe wayengaYikhulwa. Kwaye naku elapho. . . Uyabona, uKukhanya kwakungena kungena ezantsi kokuya. Kodwa naku elapha, ukukholwa, wakukholwa Kona, kodwa ubomi bakhe babenzwe mnyama; xa uKukhanya kwabethayo, Kwathatha ubumnyama kwabukhupha. Kodwa xa uKukhanya kwabethayo phezulu apha, Kwenza mnyama konke. Nanko umahluko.

¹⁵³ Uyabona, wayezalelwe lanjongo. Wa, wathi, xa Wamxelelayo bangaphi abayeni abe nabo, wa. . .Kwenzeka ntoni? Waba ngothabathekileyo kwa oko ngathi. Wangena kuxinzelelo. Wathi, “Mhlekezazi, ndiyaqonda ukuba Wena unguMprofeti. Ndiyazi ukuba xa uMesiya athe wafika, Uyakuzenza ezi zinto.”

¹⁵⁴ Kengoko Wambiza. Kengoko Wambiza. “NdiNguye, Lo uthetha nawe.” Wakuqonda ngeLizwi likaThixo. Wambiza ukusuka ezonweni zakhe, ukuza eBomini. Kwaye igama lakhe liseBhayibhileni, kwaye unoBomi ubungonakaliyo namhlanje.

¹⁵⁵ Angakubiza ngala ndlela inye, ngokuba Unguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. I. . .

¹⁵⁶ Ehe, ukuziphatha kwakhe kwakuphelile, kodwa nangoko wayesazi ukuba Unako okwakucalula. Wayesazi ukuba oko kumele ibe nguMesiya. Kengoko xa uYesu wathi, “NdiNguye, NdiNguye,” wayazi ukuba kuko oko.

¹⁵⁷ Ngelinye ilixa abafundi babe phandle kwisikhitshane, onke amathemba ayephelile. Iinqwithelo, babehambe bemnka ngaphandle koYesu, kwaye iinqwithelo zazi nje—njengoko kwakunjalo endlini kaLazaro. Onke amathemba ayephelile. Isikhitshane esincinci esidala sasizaliswe ngamanzi. Kwaye babekhwaza bekhala, kwaye mhlawumbi bethandaza beqhubeka, nombane ulanyaza, nesikhitshane sizaliswe sagcwala ngamanzi, neepali zokuxhoma iseyile zihlisiwe, amaphini ophukile, baye bebambelele omnye komnye, belila.

158 Kwaye kwelo lenene lilelona limnyama ilixa leyure, ke ngoko uYesu weza ehamba. Kodwa Wayebonakala ngathi sisithunzi kubo. Wayebonakala esoyikeka, njengomoya, baze bakhala luloyiko.

159 Nantso into eyingxaki namhlanje. UYesu uza kwiyure yeyure yakho emnyama, kwaye wena uYayoyika. Awuyazi ukuba iYintoni.

160 Babengayazi ukuba Uyintoni. Bathi, “Owu, ngumoya!” Babekhala.

161 Waze Wababiza, wathi, “Musani ukoyika, Ndim.” Kobona bumnyama beyure, uYesu uyeza, Uncedo lwabo. Nantso indlela asoloko Esenza ngayo, uza kobona bumnyama beyure. Kengoko uYesu weza waZibonakalisa, kwaye weza kubo.

UPetros wathi, “Ukuba nguWe, yitsho ndize emanzini.”

UYesu wathi, “Yiza.”

162 Niyazi yintoni, zihlobo? Kungekudala Uza kuzela abo kule mihla yokugqibela. Ngoku, akuyinto engaqhelekanga na ukuba ibandla lingene kule yure imnyama kwakhona?

163 Ndizakuthetha into ethile apha. Asiyomfundiso. Ndiyaprofeta nje. Niyazi kwenzeke ntoni? Kuzakufikelela kwindawo, kungekudala, liphawuleni ilizwi lam, ukuba onke amahlelo azakufuneka azimanye neBhunga leNkonzozonke. Ukuba abenzi njalo, abanakuyifumana inkxaso yeBhunga. Ngokoke, kuyakubakho ugwayimbo, kwaye akukho bani uya kuya kula mabandla, okanye aye nakweliphi ibandla; ngaphandle kokuba unophawu olufumene kwelakho ibandla, awunakuthenga okanye uthengise. Uyabona kunjengokuba kwakunjalo, ngoko izakuba njalo kwakhona, uphawu lwerhamnwa. Kwaye ibandla, bayayiqonda lonto, abantu bakamoya.

164 Kwaye nina bantu bangamaPentekoste, kakade, niyayiqonda. Niqalisile ukuyiva. Xa amabandla enu, emininzi imibutho yamaPentekoste; kwaye akufuneki ndibize amagama enu, kodwa niyayazi kanye ngoku aya—ayangena kuyo. Sele bekungqinile ukuba balapho. Kwaye xa usenza lonto, kuzakufuneka wenze ntoni? Kuzakufuneka uphulukane nemfundiso yenu yeVangeli yobhaptizo loMoya oyiNgcwele. Kuzakufuneka niphulukane nemfundiso yenu yeBhayibhile.

165 Kwaye amalungu awazokuyimela lonto. Azelwe ngokutsha ngenene amaKristu ayakufa, kuqala. Alunyukisiwe ngeLizwi. Ayayazi lento iyeza. Ewe, mhlekazi.

166 Kwaye akuyonto ingaqhelekanga na? Kwaye kanye kobu bona bumnyama beyure, kengoko uYesu uyeza ababize, athi, “Musani ukoyika. NdiM. Ndisenani. Ndilapha ukuza kubonakalalisa iLizwi laM.” Njengoko Wayenjalo ngokuya,

Unjalo ngoku. Uthe Uyakukwenza okuya. Owu, bethu! UMfundisi ufikile kwaye usibizile.

¹⁶⁷ Abaninzi abantu abagulayo apha, akukho mathandabuzo, ukuba bahleli apha, kwaye ugqirha unixelele ukuba akukho—akukho themba ngani. Ungaba ukobona bumnyama beyure yakho, kodwa, khumbula, uMfundisi ufikile kwaye ubiza wena.

¹⁶⁸ Kwaye ngamini ithile, ngamini ithile, uMfundisi uzakuza abize igama ngalinye elibhalwe kwiNcwadi yeMvana yoBomi. Ukuba awenu akekho phaya, yenza libe phaya ngoku, ngokuba Uzakuza abize. Kwanabo basengwabeni bazakuliva iLizwi laKhe baphume baze eBomini. UMfundisi uza kuza abize wena. Kwaye ngexa Ebiza namhlanje, phendula wenze amalungiselelo olwa Suku, yingcebiso yam kuwe.

¹⁶⁹ Isithembiso sesi sigaba, Uthembisile Uzakuba lapha. Izinto Awazenzayo, Uyakuzenza kwakho, kwaye ngoku kwakhona uMfundisi ufikile ubiza wena.

¹⁷⁰ Masithobiseni iintloko zethu. Ndinamalunga nesithandathu amanye amaphepha apha, kodwa a—andikwazi kufika koko ngoku. Masiqubudeni iintloko zethu. Ndithembise ukunikhupha kwangethuba, kwaye sele kusisiqingatha emva.

¹⁷¹ Bawo oseZulwini, Owu Nkosi, yivumele yenzeke kwakhona. Zonke ezi zinto ndazithetha, “UYesu ufikile kwaye uyakubiza.” Wenza ntoni Yena xa Efika? Uyabiza. Kwaye yivumele yenzeke kwakhona, Nkosi. Vumela uMoya oyiNgcwele waKho uze phakathi kwabantu ngobu busuku, iNkosi uYesu kwisimo so—soMoya. Mvumele eze ngobu busuku kwaye Azityhile, aze ke azibonakalalise. Nje ngabo abobantu, indlela abakholwayo ngayo, siza kukholwa, nathi, Nkosi. Baninzi apha, mhlawumbi, abangazange babe nalo elithuba. Siyathandaza ukuba Ubanike lona kwakhona ngobu busuku. Ngoba sikucelela uzuko lukaThixo, eGameni likaYesu. Amen.

¹⁷² Kulungile oko, dade, kodwa qhubeka nje noko. Oko kulungile. Qhubekela nje phambili. Owu, nizole ngokwenene, wonke umntu.

¹⁷³ Uyakholwa ukuba Ufikile? Ufikile. Ingaba Usabiza xa Esiza? Ngoku ukuba nje ungakholwa kuphela. Ukuba nje ungalikholwa iLizwi likaThixo, uThixo uyakukunika.

¹⁷⁴ Ngoku njongo, andinalo ixesha lokubiza umgeca wokuthandazela phezulu apha. Ndizakubabiza ngobu busuku, phandle phaya, ukuba iNkosi iyathanda. UMfundisi ufikile. Uze kuzalisekisa iLizwi laKhe kumhla wokugqibela. Kwaye into Awayeyiyo ngokuya, Uyiyo namhlanje. Into ukubonakalaliswa okanye ukuzazisa kwaKhe okwakuyiyo ngokuya, kuyiyo namhlanje, ngokuba Uselilo iLizwi likaThixo. Uyakukholwa oko? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Kwaye iLizwi likaThixo liNgumcaluli weengcinga, nezicamango zentliziyo. Kwaye indlela Awenza ngayo ngokuya, yindlela Asoloko esenza.

Usesenguye. Ukuba Angayenza lonto nje ngoku, ningaMkholwa na? Inganenza niMkholwe na?

¹⁷⁵ Nina bantu phandle phaya ngoku, mandijonge kuqala ndibone ukuba kukho bani ndimaziyo, uhleli naphina apha, endimaziyo.

¹⁷⁶ Konke okujikelezileyo, phezulu *apha*, abangandaziyo, phakamisani izandla zenu; niyayazi ukuba andazi nto ngani, kwaye niyagula, phakamisani izandla zenu. Ndiyaqikelela, wonke umntu. Konke kulungile, ngoku, kholwani. Kholwani nje ngentliziyo yenu yonke. Musa ukuthandabuza. Yiba nokholo. Mkholwe uThixo.

¹⁷⁷ Ndizakunicela nizole ngenene, nihlale phantsi. Ningayaluzeli ngoku, nceda ungenzi. Uyabona? Uyabona? Ungu—ngumphefumlo, umzimba, nomoya. Kwaye umoya wakho . . . Kwaye uMoya oyiNgcwele uphakuphaku ngenene.

¹⁷⁸ Bangaphi abakhumbulayo, iminyaka eminzi eyadlulayo, ukuba uMoya oyiNgcwele, xa ndadlulayo apha ndanixelela? Xa ndibamba abantu ngesandla, Wandixelela ukuba oku kucalula kuya kuza, kuze kuqhubeke? Niyayikhumbula, khumbula oko? Kodwa Wathi, “Ukuba ungenza abantu bakukholwe.” Niyayikhumbula loo mihla, iminyaka emininzi eyadlulayo? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Nimelwe nikholwe.

¹⁷⁹ Ndibone indoda, ndiyakholwa bekusezantsi apha ngomnye umhlangano, ihleli kanye phaya. Kwaye uMoya oyiNgcwele . . . Bendiya bukele xa bendishumayela. Ibiyindoda esisiqhwala. Ibineenduku zeziqhwala phantsi kwengalo zayo. Kwaye nje xa ndaqalisa ukwenza ukubiza, uSathana weza kulandoda, isithunzi esimnyama. Kwaye ndayibukela ngawam amehlo. Yaphakama yahamba yaphuma. Iyakuhlala isisiqhwala, uyabona. Kwaye ke, yona, apho ibiyakuphiliswa kanye phaya ukuba ibithe nje—nje . . . Uyabona? Kodwa, nje, andiyazi kutheni. Ndiyaqikelela imamele nje kutshaba. Kodwa ukuba ungama ubukele ezo zithunzi, ubone ezo zinto zikwizimo, ngendlela eziyiyo, uze uzibukele indlela ezenza ngayo. Yabona, iyakuba . . .

¹⁸⁰ Ngoku, andinakuphilisa. Indoda ekuxelela ukuba ingakuphilisa, ayichananga. Usele uphilisiwe. Kodwa, kukuqonda ubukho buka Yesu Kristu. Ngoku ukuba uMarta wayazi ukuba angaphinda aMbone kwakhona, ukuba angawufumana umnqweno wakhe, ngokuba wayeliLizwi elibonakalalisiweyo, asinakukhe sikholwe kangako ngobu busuku, ukuyikholwa? Qinisekileyo, simele. Uzile. Uzile, Uzile ekwisimo sikaMoya oyiNgcwele. Kuko Yena Anguye. Ngoku wena thandaza nje.

¹⁸¹ Uyabona, phezulu apha, ukuba bendinomntu othile omi apha, kanye apha ngakum, nje—nje ethandaza; ndibone abaninzi abantu bethandaza, ikuso sonke isakhiwo. Kufuneka nje

uyibukele. Awunakuthi, “Yitsho, Mzalwane uBranham...” Hayi, mhlekazi. Andi—andinakuyenza, njengoko nawe ungenakundiphuphela iphupha. Yabona? Ungaphupha. Wena, uThixo angakwenza uphuphe iphupha lam, uyayikholwa lonto, kodwa awunakuyenza ngokwakho. Awunakutsho, ukuba, “Mzalwane uBranham, ndizakuphupha iphupha ngawe ngoku.” Hayi, awunakuyenza lonto. Andingekhe nam ndibone umbono. Nokuba ngubani okunika iphupha, ngulowo ekumele ayenze. Yilo ndlela inye ngombono.

¹⁸² Ndibona indoda ihleli kanye apha ekupheleni komqolo, inesifo samathambo. Ukuba ingakholwa ngentliziyo yayo yonke, uThixo uyakuyiphilisa isifo samathambo. Uyakholwa Uyakuyenza, mhlekazi? Kuhleli phaya, indoda yomMexico, ihleli ekupheleni komqolo, uyakuyikholwa? Konke kulungile, mhlekazi.

¹⁸³ Inenekazi elihleli ecaleni kwakho, nalo linesifo samathambo, nalo. Uyakholwa uThixo uyakukuphilisa, nenekazi? (Ingaba oku kunengxolo ebuyayo kuko? Ndiyoyika abantu abayiva.) Uyakhukholwa? Konke kulungile.

¹⁸⁴ Kunjani malunga nelinye elincinane inenekazi lomMexico elihleli ecaleni kwakhe? Libulaleka yingxaki yesisu. Uyakholwa uThixo uyakusiphilisa isisu sakho, nenekazi?

¹⁸⁵ Liyifumene. Xa ndibona okwa kuKhanya kusihla, lonto ithetha ukuthi yenzekile. Ehe. Nantso. Imhlele. Nakuya Bekuphaya, kujikeleza kanye. . . [Indawo engenanto ekhasetini—Mhl.] . . . kuyayenza lonto. Uyabona? Xa Engafumana ukholo! Uyabona, “Izinto ezininzi Wayengena kuzenza ngenxa yokungakholwa kwabo.”

¹⁸⁶ Nali inenekazi lihleli apha lithandaza, kanye apha. Liyoyika. Limele libe njalo. Linemeko yomhlaza, embi ngenene. Andikwazi, kodwa uThixo uyakwazi. Uyakholwa ukuba uThixo angandixelesa ngalo mhlaza, okanye enye into? Jonga kum. Baninzi phaya abathandazayo, uyabona, ndiyithethela lonto. Jonga kuthi. Ngoku, ewe, awungowalapha, asilokhaya lakho eli. Uvela kwindawo ekuthiwa yiPorterville, eCalifornia. Kunjalo. Uyakholwa uThixo angandixelesa ukuba ungubani? Uyazi. Igama lakho nguNkskz. Wintham. Kunjalo. Ngoku kholwa, kwaye umhlaza uyakumka kuwe. “Ukuba ungathi ukholwe.” Kuko konke uThixo akucela ukuba ukwenze. “Ukuba ungathi ukholwe.”

¹⁸⁷ Anikholwa oko ngentliziyo yenu yonke? Umntu othile kweli candelo *apha*, aninakukholwa? Umfundisi ufikile kwaye uyakubiza. Ukubiza ukusuka ekufeni ukuza eBomini, ukusuka ekuguleni ukuza empilweni.

¹⁸⁸ Nantsi indoda ihleli kanye emva apha, intloko isezantsi, iyathandaza. Eneneni ayithandazeli yona, ithandaza ngomnye umntu ongomnye. Yi—yintombazana. Yintombi yakhe.

Uyakholwa, mhlekazi? Unengxaki nemilenze yakho. Unengxaki nedolo lakho. Kunjalo. Akukho sidingo sakulila, Nguye lowo apho ngakuwe. Intombi yakho isesibhedlele, ayinjalo? Ngumcimbi wesifo sephepha. Uyakholwa. Uyakholwa? UMfundisi ufikile kwaye uyayibiza. Uyakukholwa, njengotata wayo? Uyakukholwa? Yanga Angayivelela ngobu busuku, nawe. Yanga ingadlula.

¹⁸⁹ Nantsi inkwenkwe incinane, enobuso obuntsundu inkwenkwe encinane. Ibulaleka sisifo sesikhumba, kunye nesifuba, encinane inkwenkwe yomMexico, inkwenkwe yomMexico ihleli phaya. Asiyoyalapha. Ivela eSan Jose. Uyakholwa, nyana? Enye into, utata wakho ulapha kunye nawe. Ungumlungiseleli. Kunjalo. Uyakholwa uThixo angandixelela ukuba ngubani igama lakho? Ingakwenza ukholwe ngokomeleleyo ngenene? Igama lakho nguReuben. Ngoku kholwa. Um-hum. UThixo uyakukwenza ube ngopheleleyo.

¹⁹⁰ UMfundisi ufikile kwaye Uyakubiza. Owu, moni, owu, mntu ogulayo, awumboni na uMfundisi ebonakalaliswa ebantwini, phakathi kwamakholwa? Ufikile ukuza kubiza abantwana Bakhe abakholwayo beze empilweni. Ufikile ukuza kubiza umoni eze enguqukwani. Mntu uwileyo, lungu lecawa, uMfundisi ufikile kwaye uyakubiza.

¹⁹¹ Uyayikholwa? Uyayikholwa ukwenzela isidingo sakho kanye ngoku? Ukuba uyakholwa, phakamisa isandla sakho, yithi, “Ndiyakholwa ukwenzela isidingo sam.” Emva koko uphakame ume ngeeyawo zakho uyamkele. UMfundisi ufikile kwaye uyakubiza. Kwaye nokuba ungubani na, nokuba sesiphi isidingo onaso, uMfundisi ufikile kwaye Uyakubiza. Unguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.

¹⁹² Lamfazi mncinane wangena esixekweni, waze wathi, “Yizani, nibone iNdoda Endixelele yintoni ebingalunganga.” Wena awungenanga esixekweni. Uzile wayibona, ngokwakho, ngoko uMfundisi ufikile kwaye uyakubiza.

¹⁹³ Phakamisani izandla zenu niMdumise, nize nithi, “Nkosi Yesu, Ndingumoni; ndixolele. Ndingumntu owawayo; ndithathe ndibuye, Nkosi. Ndinga uMoya oyiNgcwele; ndizalise. Ndiyagula; ndiphilise. Ndisisiqhwalala; ndenze kulunge konke.” UMfundisi ufikile kwaye uyakubiza. Phakamisa izandla zakho ngoku kwaye uMdumise. Amen.

¹⁹⁴ (Sinike isandi esincinane apha, “NdiyakuMdumisa, NdiyakuMdumisa.” Niyayazi? *NdiyakuMdumisa*. Niyayazi leyo, aniyazi?)

Niyakholwa?

NdiyakuMdumisa, NdiyakuMdumisa,
 Owu, yidumise iMvana eyaxhelelwa aboni;
 Mnikeni uzuko, nonke nina bantu,
 Ngoba iGazi laKhe lihlambe lasusa ibala
 ngalinye.

¹⁹⁵ NiyaMthanda? Ngoku anithandi ukuMculela ngexa Elapha? UnguMoya uhamba ujikeleza isakhiwo. Uyazazi iintliziyo zenu, wazi konke ngani. MasiMculeleni, ngetliziyo yethu yonke.

NdiyakuMdumisa, (phakamisa izandla zakho xa uyenza), Ndi. . . (ngoku Mdumise nje). . .
 Mdumise,
 Owu, yidumise iMvana eyaxhelelwa aboni;
 Owu, Mnikeni uzuko, nonke nina bantu,
 Ngoba iGazi laKhe lihlambe lasusa ibala
 ngalinye.

¹⁹⁶ Owu, nenekazi, wena ukwistulo samavili, ukuba ungakholwa nje ngaphezulu kancinci kanye apho. “Ndi. . .” Masiyizameni kubekanye kwakho. Ndilinde into ethile.

NdiyakuMdumisa, NdiyakuMdumisa,
 Owu, yidumise iMvana eyaxhelelwa aboni;
 Mnikeni uzuko, nonke nina bantu,
 Ngoba iGazi laKhe lihlambe lasusa ibala
 ngalinye.

¹⁹⁷ Ngoku ngexa siyicula leya kwakhona, guquka, ufumane isandla somntu othile, ngexa siyicula, cula, “NdiyakuMdumisa.” Yizani, sonke kunye ngoku.

NdiyakuMdumisa, NdiyakuMdumisa,
 Yidumise iMvana eyaxhelelwa aboni;
 Mnikeni uzuko, nonke nina bantu,
 Ngoba iGazi laKhe lihlambe lasusa ibala
 ngalinye.

¹⁹⁸ Owu, sihlobo singumoni, awungekhe uhambe uze phezulu apha ngoku? Yizani apha nize niMdumise, nonke nina bantu. Nonke nina bantu bafuna ukumvuma Yena njengoMsindisi wenu. EBukhoneni Bakhe, ngexa abangcwele benqula bekuMoya, awungekhe uze apha uzokuma? Uthi, “Ndifuna ukungqina, ngobu busuku. Ndifuna ukuMdumisa. Ndifuna ukuza. Andinazintloni ngaYe. Ndifuna ihlabathi lazi ukuba ndimaMnkela njengoMsindisi, kanye apha ngexa Ekho.” Yiza ngexa siyicula.

NdiyakuMdumisa, (awungekhe uze?)
 NdiyakuMdumisa,
 Owu, yidumise iMvana eyaxhelelwa aboni;
 Owu, Mnikeni uzuko, nonke nina bantu,
 Ngoba iGazi laKhe lihlambe lasusa ibala
 ngalinye.

199 Owu, nantso ke, nenekazi, yiza kanye. Ngubani omnye oyakuza, eBukhoni bukaKristu? Yiza kanye apha, dade, yima apha.

200 Omnye umntu ongomnye oMfuna abe nguMsindisi wakho, kanye ngoku, ongenazintloni. Wathi, “Ukuba unentloni ngaM phambi kwabantu, Ndiyakuba nentloni ngawe phambi kukaBawo neeNgelosi ezingcwele.” Ukuba awunazintloni ngaYe ngoku, kwaye uMfuna abe nguMsindisi wakho, ngexa Elapha! UMbonile. Igqibelele kangako, uLizwi ngokwaKhe uYazisile. Yiza ngexa abangcwele benqula ngoku. Awungekhe uze?

201 UThixo akusikelele, mhlekazi. Naku kusiza inenekazi elidala, lisiza kubudala benene. Awungekhe uze?

Ndiya . . . (yiculeni ngoku) . . .
Ndiyakudumisa . . .

202 Kulungile oko, bantu batsha, yizani kanye nijikele. Dumisani nje. UThixo akusikelele, nenekazi, nantso indlela yokuyenza. UThixo anisikelele, batsha.

. . . eyaxhelelwa aboni;
Mnikeni uzuko, nonke nina bantu,
Ngoba iGazi laKhe lihlambe lasusa ibala
ngalinye.

203 Ngexa abalungiseleli besiya kwaba bantu ngoku akangekhe umntu othile ongomnye eze? Mntu owileyo, uyakuza, uthi, “Ndinentloni ngobomi bam”? Nanku Ulapha. Niyandikholwa ukuba ndingumkhonzi kaThixo? Phakamisani izandla zenu. Ngoba, uYesu Kristu uphakathi kwethu. Awungekhe uze?

Mnikeni uzuko . . . (Awungekhe uze, uMnike uzuko?) . . . bantu,
Ngoba iGazi laKhe lihlambe lasusa . . .

204 Marta, uyeza, okanye uzakuhlala endlini noMariya? Uzakuhlala emva kumbutho othile, uze uthi, “Owu, ibandla lam aliYikholwa ngolu hlobo,” xa uKristu ebonakalisiwe? Uzakuhlala emva uze uthethe lonto, okanye uyaphuma? “Kuhle, ndiyakuxelela, xa nda . . .” Hayi. Namhlanje, yiyo le iyure. Ukufa kujikeleze kujinga phezu kwakho, njengentombi kaYayiro.

205 Yiza ngoku! Mntu owileyo, yiza ngoku. Moni, yiza ngoku. Eli lilo ixesha. UMFundisi ufikile kwaye Uyakubiza. Uyakubiza. Uthi, “Ndazi njani?” Usebenzisa ilizwi lam. Ukuba Usebenzisa ilizwi lam ukuxela izigulo, iinkxwaleko nezinto, awuyazi ukuba Uyabiza kwanangaso isono? Phuma! Yiza ngoku, eli lingaba lithuba lokugqibela oyakuze ube nalo.

206 Kube kanye kwakho, bakho abanye apha abamele ukuza, zihlobo. Andifuni kunihlaza, ndikubize ngolu hlobo. Oko akulunganga. Ukuba ngamanye amaxesha


mhlawumbi . . . Abaya baFarisi babecinga basindisiwe, kodwa babengasindiswanga. Ucinga lonto inye. Yiza ngoku.

²⁰⁷ Qiniseka! Musa, musa ukuthatha nje ithuba elingaphelelanga ngayo. Ukuba kukho intandabuzo encinci engqondweni yakho, musa ukuthatha ithuba. Yiza ngoku. Ngoku lilo ixesha, ngoku ngexa iThende livuliwe, ngexa uMoya oyiNgcwele ulapha. UMfundisi ufikile. Lantandabuzo incinci, yinto Azama ukukuxelela yona, “Uyathandabuza.” Yinikezele. Yiza, ngoku. UMfundisi ufikile kwaye uyakubiza. Kulungile oko, qhubekani nje nisiza, qhubekani kanye nisiza.

NdiyakuMdumisa, NdiyakuMdumisa,
(Awungekhe uze uMnike udumo?)
Yidumise iMvana eyaxhelelwa aboni;
Mnikeni uzuko, nonke nina bantu,
Ngoba iGazi laKhe lihlambe lasusa ibala
ngalinye.

²⁰⁸ Ngoku ngexa aboni besiza, kuMbanga; mabathi abantu baMnike udumo, njengoba siyicula ngoku. Phezulu ngezandla zenu, cula ukuMdumisa, ngoku, sonke kunye.

NdiyakuMdumisa, NdiyakuMdumisa,
Yidumise iMvana eyaxhelelwa aboni!

²⁰⁹ Mnikeni nje udumo! Nina bantu bajikeleze apha, thandazani, Mceleni anixolele. Nantso into Aya kuyenza. UMfundisi ufikile kwaye uyakubiza. UThixo anisikelele. 

WAZA UYESU WAFIKA WABIZA XHO64-0213
(Then Jesus Came And Called)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham washunyayelwa ngesiNgesi ngoLwesine ngorhatya, ngoFebhrwari we-13, ngowe-1964, e-Elliott Auditorium eTulare, California, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yiVoice Of God Recordings.

XHOSA

©2018 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org